“Ubutsha obuqhutywa yinjongo”

Imbulambethe: Xoxa ngamava akho ngomzali wakho akuchaphazela kanobom, ngokukuphucula okanye ngokukudodobalisa.

Umyalezo: Yeremiya 1:4-10

Ingaba le vesi yesine ithetha njani nale ngcamango yokukhupha isisu?

KuThixo, umntu ngumntu, onenjongo, engekakhawulwa. Ngoko ke, nokuba ubani wazalwa njani, akukho mntu uyimpazamo. **(Gxininisa:** Isono senza wonke umbhodamo orhangqe ukuzalwa kwabanye abantu. Noko kunjalo, uThixo uyiguqula loo nto ibenemiphumela elungileyo, ngokwenjongo yaKhe- Roma 8:28)

(i) Yintoni ONGAYIDINGIYO ukuze uphile injongo yakho ebomini? (ii) Iyintoni OYIDINGAYO?

(i) Awuwadingi amava (okubangumntu omdala) phambi kokuba uphile injongo yobomi bakho. (ii) Udinga nje ukuba uThixo akuchukumise. Loo nkcukumiso ke ikwenza ubenako. **Gxininisa:** Injongo yomntu isenokungabikukushumayela emva kweqonga lokushumayela.

Isaya 49: 1, 5-6

(i) Yintoni ekhethekileyo ngokuzalwa kukaIsaya? (ii) Njengoko sifunda kuIsaya, uyintoni umphumo wokuphila ubizo lwakho okanye injongo yakho?

(i) UThixo wambiza uIsaya engekazalwa. Wamnika igama esesesibelekweni sikanina. (ii) Ubani ubanozuko emehlweni kaThixo. UThixo ubangamandla alo mntu.

Yoweli 2:28-29

(i) Xela amaqela obudala uThixo athulula kuwo uMoya waKhe? (ii) Kutheni ewabalula ngokwahlukeneyo?

(i) Abatsha. Abadala. Abadala abasebatsha. (ii) Kubaluleke kakhulu ukuqaphela ukuba uThixo ufuna ukumthululela uMoya waKhe kuye **wonke umntu**, kuquka nabantu abatsha. **Ngoko ke, ukubamtsha akusosithintelo kuThixo. UThixo uyabasebenzisa nabantu abatsha (Zenzo 10:34-35).**

Imizekeliso 22:6

Abazali bawutyeshela njani lo myalelo?

(i) Abanye balududulela kwabanye abantu uxanduva lwabo. (ii)Abanye ababahoyi abantwana babo; bezimela ngezifundo, umsebenzi, nezinye izizathwana. (iii) Bambi babalahla ngokupheleleyo abantwana babo. (iv) Okumanyumnyezi, abanye bayabahlukumeza abantwana babo, ngokuthe ngqo okanye ngandlela ithile. **Gxininisa:** Nangantoni na oyenzayo okanye oyithethayo emntwaneni, uyabhala. Iyakumbumba apha ekukhuleni.

Angenza ntoni umzali oguqukayo ukubuyekeza ukutyeka kwakhe kulo myalelo?

(i) Bizela ecaleni abantwana (ngabanye ngabanye), uyibange le mpazamo, uxolise ngokungazenzisiyo. (ii) ungathandazela ungenelelo lukaThixo, impiliso nembuyekezo. (iii) Zifundise ukubasikelela abantwana bakho. (Bona iNumeri 6:22-27)